Isalathiso: 20170623-2337
12/14/2/1
Imibuzo: liNtloko zoLawulo noKuphathwa

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: 0003/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli nakwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa, kwiiNtloko zoQuquzelelo lweKharityhulam, kwiiNtloko ze*SLES*, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli be*RCL* beZithili, nakwiiNqununu zeZikolo zikaRhulumente

Isihloko: INkomfa yeeNqununu ezingooMama yango-2017

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED)* liyazise ngokuyimpumelelo kule minyaka mibini idlulileyo, ka-2015 no-2016 inkomfa yeenqununu ezingoomama njengenxalenye yokubhiyozela inyanga yoomama kuzwelonke kwanokuqaphela indima yobunkokeli edlalwa ngoomama abaqeshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni.

2. Ngokungaphezulu eli phulo liqaqambisa inkqubela eyenziweyo kubulungisa kwezengqesho kwizikhundla eziphezulu kuwo omabini amanqanaba, elezikolo nele-ofisi kwinkqubo yezemfundo, yaye likwagxininisa ukuqaliswa kwekhosi yooMama eyi-*Women in and into Leadership and Management (WILM)* efundiswa e-*Cape Teaching and Leadership Institute*.

3. INtloko yeSebe yavuma ukuba le nkomfa yaqho ngonyaka imele ukuqinisekisa ukuba iSebe i*WCED* libonelela ngamathuba amahle awongezelelweyo ophuhliso, iindibano zonxibelelwano nenkxaso koomama abakwizithuba zobunkokeli kwinqanaba lesikolo.

4. Iindibano zonxibelelwano nezokwabelana ngezimvo ziyiforam yabantu abanika uncedo ngeemvakalelo nokwenza okuthile ukunceda amanye amalungu nafuna uncedo nenkxaso elolu hlobo, akwezi ndibano zonxibelelwano. Iindibano zonxibelelwano nokwabelana ngezimvo ukunikana inkxaso, zibonelela ngokhuseleko kumalungu azo. Injongo yonxibelelwano nokwabelana ngezimvo kukunciphisa kwanokuphelisa ukukhethelwa bucala kootitshala abangoomama kumsebenzi wobunkokeli ezikolweni.

5. Inkomfa yango-2015 no-2016 ngokubambisana no-Old Mutual, yaba sisiganeko esaba yimpumelelo enkulu kakhulu. Ezi nkomfa zazihlanganiswe nemisebenzi yempiloqete exhaswa ngemali ngu-*Old Mutual.* Akuyi kubakho mahluko nakulo unyaka.

6. Le nkomfa iya kuqhubeka ngeeseshoni ezimbini, eyabathathi-nxaxheba bebonke ndawonye neseshoni yamaqela awahlukeneyo, ukukhuthaza iincoko ezingomsebenzi wokufundisa nangemiba yezemfundo ngokubanzi.

7. Iinkcukacha zenkomfa zezi zilandelayo:

Umhla: **12 Agasti 2017**
Indawo: ***Old Mutual Building, Jan Smuts Drive, Pinelands***
Ixesha: **08:00 – 15:30**

8. Amalungiselelo okuqhubeka kwenkomfa

8.1 Iinqununu ezinqwenela ukubakho kule nkomfa mazizalise **iCandelo A** lefom eqhotyoshelweyo zize ziyithumele ngefeksi ku-**Nks Avril Malgas apha 086 729 5347**, **phambi okanye ungadlulanga owe-04 Agasti 2017**. Le ngcaciso ifunwa kwangaphambili kakhulu ukwenzela ukuba kwaziwe abaya kubakho nokuba kwenziwe amalungiselelo okuqhubeka kwale nkomfa.

8.2 Apho kunokwenzeka, ziyacelwa iinqununu zezikolo ukuba zikhwelisane xa zisiya kule nkomfa. Iinqununu ziya kubuyiselwa ngeendleko zeehambo zazo apho umgama ohanjiweyo ungaphezu kwe-120 km uhambo lokuya kuphela. Ukwenzela ukufaka ibango leendleko zeehambo, makungeniswe ezi fom ziqhotyoshelweyo kumagosa awenza lo msebenzi/kwindawo enenkomfa "*Subsistence and Transport" and Z43 forms.* Awayi kuqwalaselwa amabango afunyenwe engazaliswanga ngokupheleleyo okanye angachanekanga.

8.3 Apho iihambo zeenqununu zixhaswa ngemali sisikolo, ibango malenziwe egameni lesikolo, into ethetha ukuba imali ebangwayo iya kuhlawulwa kwi-akhawunti yesikolo.

8.4 Kuya kubonelelwa ngendawo yokulala kuphela kwezo nqununu zihambe zisuka kumgama ongaphezu kwe-200 km kuhambo lokuya kuphela. Iinqununu ezifuna indawo yokulala kufuneka zizalise **iCandelo B** lefom eqhotyoshelweyo. Le ngcaciso icelwa kwangaphambili ukwenzela ukuqinisekisa ukuba enziwe kwangexesha amalungiselelo afanelekileyo endawo yokulala. Ezi **zicelo zendawo yokulala mazifunyanwe phambi okanye ungadlulanga owe-04 Agasti 2017 yaye mazithunyelwe ngefeksi ku-Nks Avril Malgas** apha: **086 729 5347**. I-imeyili yokuqinisekisa indawo yokulala iya kuthunyelwa kummeli ngamnye osicelo sakhe sendawo yokulala sivunyiweyo.

8.5 Apho inqununu ingumntu oyindoda, igama lesekela elingumama malibe lilo emalibhaliselwe ukuya kule nkomfa. Kwizikolo ezincinane, osesikhundleni kwindawo yesibini, ukuba ungumama, uya kuvunyelwa athathe inxaxheba.

8.6 Ukufumana naziphi na ezinye iinkcukacha, qhagamshelana noNks **Avril Malgas** kule nombolo yefoni: **021 467 2611.**

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba ziqinisekise ukuba okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke abasebenzi namaqela achaphazelekayo esikolweni.

ISAYINWE : NGU- S NAICKER
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2017-06-28